UNIVERSITY OF FORT HARE

XHS311E/XHS311

DEGREE EXAMINATIONS

JUNE EXAMINATIONS 2023

..........................................................................................................

TIME: 3 HOURS

SUBJECT: HISTORIOGRAPHY OF AFRICAN LINGUISTICS ETC.

MARKS: 100

This paper consists of 2 pages including the cover page

**Internal Examiners**

Dr M. Ganiso

Dr D. Spofana

**External Examiners**

Dr Z. Somlata

**IMIYALELO**

UPHENDULA IMIBUZO **EMINE.** QAPHELA OKU UMBUZO **NGAMNYE** UNEMIBUZWANA **EMIBINI** WENA **UKHETHA** UMBUZWANA **OMNYE** KUMBUZO **NGAMNYE.** UKUTSHO OKO UZA KUPHENDULA IMIBUZWANA **EMINE,** UBE **MNYE** KUMBUZO **NGAMNYE.**

**UMBUZO 1**

Iilwimi zesiNtu ezifileyo zinakho ukwakheka ngokutsha. Xoxa ngendlela oosozilwimi abakungqinela ngako oku. **[25]**

**OKANYE**

Xoxa ngegalelo likaJoseph Greenberg ekuphuhliseni iilwimi zesiNtu. **[25]**

**UMBUZO 2**

Unodliwano-ndlebe neFakhalthi yakwaSocial Sciences ifuna ukuqonda ngako konke okufundileyo kule khosi (course) yeHistoriography.

Khawuthi gqaba-gqaba ngako konke okufundileyo kule khosi kwa nendlela ekuncede ngayo njengomfundi, (izinto obungazazi oye wazazi wakuba ufunde le khosi). **[25]**

**OKANYE**

Nika iziyelelane zesiXhosa zibe lishumi, uze wandule ubhale idolophu apho isiyelelane ngasinye esithethwa kuyo. Qwela ngokuthi unike amagama azizithethantonye zala magama: ***umnqantsa; ukucunuka; ukugcwala; izifotho; ingqina.*** **[25]**

**UMBUZO 3**

Yenza uthelekiso phakathi kwezi lwimi zimbini: **ulwimi lwesiTekela nolwimi lwesiZunda** uze uchaze ukuba zahluke njani ngokobuGrama. **[25]**

**OKANYE**

Khawutyatyadule ngeeyantlukwano phakathi kwamasetyana esiqhu **sesiZunda nesiTekela**, ngokuthi ugxininise kweeyantlukwano **zezandi nezobugrama**. **[25]**

**UMBUZO 4**

IsiNguni nesiSuthu njengazo zonke iiLwimi zesiNtu zineendlela ezihlelwa ngayo. Ukungqina oku zixhase ngokuxoxa phantsi kwezi zihloko zilandelayo:

(i) Izimaphambili
(ii) Izivumelanisi
(iii) Umsebenzi, intsingiselo okanye isiqulatho. **[25]**

**OKANYE**

Xoxa kuvokotheke ngosapho lolwimi kwakunye nokwahlulwahlulwa kolwimi, ingxoxo yakho mayikhatshwe yimizekelo efanelekileyo. **[25]**